Overjoyed to be an owner: Mayor Geordin Hill-Lewis and Cllr Carl Pophaim (Mayco member for Human Settlements) visited Scottsdene residents to bring them the deeds to their City units as part of the municipality's unique no-cost transfer programme.

More MyCiTi stops for Parklands

The City is proposing new MyCiTi stops along the T03 route in Parklands to improve access to the service. The proposed locations are Tryall West (northbound) near the intersection of West Coast and Tryall roads, and Tryall West (southbound) on the opposite side of the road. Visit the MyCiTi website for more information and for the outcome of the public participation process.

Your roadworks roundup

In **Windermere**, the City is resurfacing and applying new road markings along Albacore and Ventura streets, Kitty Hawk Road and 18th Avenue. The same scope of work is being carried out in **Kensington** along 4th Street and 8th and 10th avenues. Work is subject to the weather, and partial lane closures may be implemented. Motorists are advised to consider alternative routes to minimise delays.

KORTLIKS

Ná uitgebreide oorlegpleging met inwoners en ander rolspelers sedert 2023 het die Raad nou 'n plaaslike raamwerk vir ruimtelike ontwikkeling vir die Blaauwbergwegkorridor goedgekeur. Die korridor strek oor sowat 5 km van Marinesirkel in die weste tot by die kruising met Koeberg- en Potsdamweg in die ooste.

Toe dit teen November verlede jaar duidelik word dat die siviele werke vir die vernuwing en rehabilitasie van die Table View-strandfront nie aan verwagtinge voldoen nie, kon die Stad nie anders as om die kontrak te beëindig nie. Werk is egter weer amptelik aan die gang ooreenkomstig 'n projekherstelplan.

Die Stadsveldtog Deed-to-Door het onlangs twee Scottsdene-huishoudings besoek om die titelaktes vir hulle Raadseenhede aan hulle te

oorhandig. Dié metrowye veldtog is al langer as 'n jaar aan die gang om kwalifiserende begunstigdes sekerheid van verblyf te bied.

Die Stad stel nuwe MyCiTi-haltes op die T03-roete in Parklands voor om toegang tot die busdiens te verbeter. Die voorgestelde liggings is Tryall-Wes (noordwaarts) naby die kruising van Weskus- en Tryall-weg, en Tryall-Wes (suidwaarts) aan die oorkant van die pad.

Padrehabilitasie is aan die gang in Windermere in Albacore- en Venturastraat, Kitty Hawkweg en 18de Laan, sowel as in Kensington in 4de Straat en 8ste en 10de Laan.

KHAWUNDIBALISELE

Ukubonisa okubanzi nabahlali kunye nabanye ababandakanyekayo ukusukela ngo2023 ngoku kufikelele kuvuthondaba kwisakhelo sophuhliso lwendawo yasekuhlaleni (iLSDF) esivunye liHunga ngepaseji iBlaauwberg Road. Le paseji inabela kumgama oziikhilomitha ezi5 ukusuka kwiMarine Circle entshona ukuya ekudibaneni kweendlela zaseKoeberg ne-Potsdam empuma.

Xa kwacaca kweyeNkanga kunyaka ophelileyo ukuba imisebenzi yolwakhiwo yokuvuselela nokuhlaziya kweTable View elunxwemeni ayihanjiswa njengoko kwakulindelekile, iSixeko asikhangela sibenayo enye indlela ngaphandle kokuphelisa isivumelwano. Noko ke, emva kokuba kwenziwe isicwangciso sokuvuselela le projekthi, umsebenzi uye waqalisa ngokutsha.

Iphulo leSixeko lokuBhalisa kwiiNdawo zokuhlala kutshanje lityelele iintsapho ezimbini zase Scottsdene ukuze lizininke iziqinisekiso zezindlu zazo. Iphulo likamasipala

ombaxa wonke belisebenza ixesha elingaphezulu konyaka njengoko iSixeko sisebenza nzima ukubonelela abaxhamli abafanelekileyo ngokhuseleko lobunini.

ISixeko siceba ukwenza iindawo zokumisa zeMyCiTi ezintsha kwindlela enguT03 eParklands ukuphucula ukufikelela kwinkonzo. Iindawo ezicetywayo yiTryall West (ngasemntla) kufutshane nokudibana kweendlela iWest Coast kunye neTryall, kunye neTryall West (ngasemzantsi) kwelinye icala lendlela.

EWindermere, iSixeko sivuselela yaye sisebenzisa imiqondiso emitsha yendlela kwizitalato iAlbacore neVentura, iKitty Hawk Road ne18th Avenue. Umsebenzi ofanayo wenziwa eKensington kwimigaqo i4th Avenue, 8th Avenue kunye ne10th Avenue.

4 CITYNEWS

Area North, June 2025

Making progress possible. Together.

Don't let them steal your light

City teams attend to hundreds of streetlight-related service requests in vandalism hotspots such as Scottsdene, Kraaifontein. Although the neighbourhood falls in an Eskom supply area, the City is responsible for maintaining and repairing its streetlights. The municipality is doing everything it can to deter vandalism, including opting for luminaires that contain less sought-after metals. Significant investment over the next three years will include the installation of the more efficient light-emitting diode (LED) luminaires metrowide.

Protect your power

Please report malfunctioning streetlights and any instances of vandalism and illegal connections to the City's Public Emergency Communication Centre on 021 480 7700.



Help us shine a light on vandalism: The City calls on residents in streetlight vandalism hotspots such as Scottsdene in Kraaifontein to report suspicious behaviour relating to public lighting infrastructure.

Battle against blockages in Dunoon continues

Abuse of the sewer system in Dunoon is not letting up, and the money and time spent unblocking pipes can be put to much better use.

Since 2023, the City's sewer maintenance team has cleared 629 sewer blockages in Dunoon. Most of these were the result of rags, rubble and foreign objects being flushed down toilets or dumped into the sewer system via street drains. Blockages and overflows also tend to increase during winter, when illegal stormwater-sewer connections raise water levels in the sewer network during heavy rainfall.

As part of proactive efforts to prevent foreign objects from entering the sewer system, the City has installed sand traps at strategic locations. Serviced every second day, the traps yield an average of 11 000 kg of waste every month.

Blockages blowing the budget

Clearing sewer blockages has become an extremely costly, repetitive exercise. Often, City teams need to return to the same pipeline to clear a new blockage within days of unblocking it. To reduce sewer overflows, infrastructure needs to be left



Pricey and preventable: The City's teams have their hands full keeping the sewer system in Dunoon clear of objects that do not belong there. Abuse of the sewer system is consuming far too much of the City's time and taxpayers' money.

intact once repaired, and must be used responsibly. Pipes and manholes must remain clear.


Do your part for our pipes

- Only human waste and toilet paper should be flushed down the toilet - anything else will block the pipes.
- Properly dispose of your waste, using the City's services. The drain should never be used as a bin.
- Use the City's drop-off facilities to get rid of your recyclables (find your closest drop-off at <https://bit.ly/3mhagVh>).

See something, say something

Report sewer blockages and overflows, vandalism to the system, as well as stolen or missing sewer manhole covers to the City on 060 018 1505 (WhatsApp), www.capetown.gov.za/servicerequests, water@capetown.gov.za, 31373 (SMS, max 160 characters), 0860 103 089 (call centre) or at your nearest City walk-in centre.

Ready for a run soon: Councillors and other stakeholders recently visited the Wesfleur athletics track in Atlantis to check on progress with the track's refurbishment. The City is investing R60 million to improve this track as well as the one in Blue Downs. The upgrades include resurfacing the track and improving key features such as the hammer throw cage, take-off boards and steeplechase area.



Hitting refresh for Atlantis depot: The Atlantis Roads Infrastructure Management (RIM) depot is one of four depots - one in each City service delivery area - due for an upgrade. The other depots earmarked for a refresh are in Hout Bay, Strand and Kraaifontein. The design for the Atlantis facility (see artist's impression above) has received a four-star certification from the Green Building Council of South Africa. During construction, staff will operate from Mamre.

KORTLIKS

Stadspanne reageer op honderde straatlig-verwante diensversoeke in buurte waar vandale verwoesting saai. Meld asseblief stukkende straatligte, vandalisme en onwettige krag aansluitings aan by die Stad se noodkommunikasiesentrum by 021 480 7700.

Rioolstandhoudingspanne moes op hulle beurt sedert 2023 altesaam 629 riool-verstopings in Dunoon hanteer. Die meeste van die voorvalle was die gevolg van lappe, rommel en vreemde voorwerpe wat in toilette afgespoel of in die rioolstelsel gestort word.

Raadslede en ander rolspelers het onlangs die Wesfleur-atletiekbaan in Atlantis besoek om na vordering met die opknapping van dié fasiliteit te kyk. Die Stad bestee R60 miljoen om hierdie baan én die een in Blue Downs te verbeter.

Die Atlantis-depot van die departement pad-infrastruktuurbestuur is een van vier depots wat opgeknep sal word. Die ontwerp vir die fasiliteit het reeds 'n vierstergradering van die Groenburaad van Suid-Afrika ontvang.

KHAWUNDIBALISELE

Amaqela eSixeko ajongana namakhulu ezicelo zeenkono ezinxulumene nokukhanya kwezitalato kwiindawo ezikwindawo ezonakalisiweyo. Nceda uxele izibane zasesitalatweni ezingasebenzi kakuhle, ezonakalisiweyo kunye uqhobosho olungekho mthethweni kwiZiko leSixeko loNxibelelwano loNgxamiseko loLuntu ku-021 480 7700.

Ukususela ngo2023, iqela leSixeko logutyulo lwelindle liye lacoca imibhobho yogutyulo engama629 eDunoon. Uninzi lwazo lwalubangelwa ngamalaphu, ingqushu nezinto ezingaqhelekanga ezisetyenziswa kwizindlu zangase okanye ezilahlwa kumjelo ogutyula ilindle.

OoCeba nabanye ababandakanyekayo kutsha nje batyelele ibala lemidlalo laseWesfleur eAtlantis ukujonga inkqubela phambili yokulungiswa kwebala. ISixeko sityale imali engama-R60 ezigidi ukuphucula eli bala kwakunye nelo liseBlue Downs.

Indawo yokugcina uLawulo lweziSeko ezinguNdoqo kwiiNdlela zaseAtlantis yenye yeendawo ezine ekufuneka ziphuculwe. Olu yilo lufumene isatifiketi esineenwenkwezi ezine kwiGreen Building Council yaseMzantsi Afrika.

CITY OF CAPE TOWN AND AREA NORTH CONTACT DETAILS

Accounts and general enquiries
Tel 0860 103 089 (option 1)
Fax 0860 103 090
Email accounts@capetown.gov.za
..... contact.us@capetown.gov.za

Alcohol and drug helpline (24/7)
Tel 0800 HELP 4 U (0800 435 748)

Anti-corruption and fraud hotline
Tel (anonymous, toll-free) .. 0800 323 130

Cable theft
All-hours tel 0800 222 771

Public transport (toll-free)
Information centre 0800 656 463
Dial-a-Ride 0800 600 895

Drought and water
www.capetown.gov.za/thinkwater
Report and track faults
www.capetown.gov.za/servicerequests
e-Services
www.capetown.gov.za/eServices
Contact the City
www.capetown.gov.za/contacts
Budget
www.capetown.gov.za/budget
Tariffs
www.capetown.gov.za/tariffs
Policies and by-laws
www.capetown.gov.za/policies
Council matters
www.capetown.gov.za/council

AREA NORTH CONTACT DETAILS
Tel 021 444 6174
Cape Town Civic Centre, 12 Hertzog Boulevard, Cape Town
Subcouncil 1
Tel 021 444 6037
Cnr Grosvenor and Hermes avenues, Saxonsea, Atlantis
Subcouncil 2
Tel 021 444 1130
Municipal offices, Brighton Road, Kraaifontein
Subcouncil 3
Tel 021 444 4862
Municipal offices, Royal Ascot, Bridle Way, Milnerton

Subcouncil 7
Tel 021 400 2344
Municipal offices, Oxford Street, Durbanville
Subcouncil 16
Tel 021 487 2079
11th floor, 44 Wale Street, Cape Town

FOR EMERGENCIES CALL
021 480 7700
FROM ANY PHONE OR
107 FROM A LANDLINE

Find a programme, apply for a service, access online applications and more at CityConnect at www.capetown.gov.za.

IGWETIWE INDODA EYABULALA UYISE

Intatheli: Monwabisi Khininda

WHITTLESEA

Indoda eyabulala uyise wayo nelinye ilungu losapho kwiziganeko ezibini ezahlukeneyo igwetywe ubomi yinkundla yamatyala yaseWhittlesea eMpuma Kapa. Le ndoda inguZuko Sigenu (38) ukwagwetywe neminye iminyaka elishumi elinesihlanu ithothoza kwezimnyama izisele. Zozibini ezi ziganeko zokubulala zenzeka kwilali iThornhill. Ngokwengxelo yenkundla, ngethuba ebulala uyise wayengaphandle ngebheyile kwityala lokubulala isihlobo sakhe. Inkundla ixelwele ukuba ngomhla wama-25 kwinyanga yoMsintsi kunyaka u-2021 emgidini le ndoda yaxabana nexhoba lokuqala kwaze kwanqandwa kodwa emva koko wayiqala phantsi ingxabano waze wagwaza ixhoba walibulala. Umbuso ukhokhele ubungqina bamangqina amabini kwesi siganeko.

Ingxelo yenkundla idize ukuba ngethuba engaphandle ngebheyile uSigenu wahlasela wabulala utata wakhe ngomhla we-12 kuAgasti (kweyeThupha) kunyaka u-2023. Ngokutsho kwabamelwane ngobusuku besiganeko le ndoda yafika inxilile ibonakala inengwangu. Kwavakala ingxabano apho kweviwa uyise ekhala esithi "Zuko sukundibulala". Kamva wafunyanwa engagalazile kwichibi legazi enamanxeba okugwazwa angaphaya kweshumi kumzimba ongentla. Wabhubhela kwindawo yexhwayelo.

Isithethi seNPA uLuxolo Tyali uthi uSigenu wabanjwa emva kwexeshana kwaye waphika walala ngomhlana ukuba uyabandakanyeka ekugetyengweni kukatata wakhe. Nangona kunjalo uSiphelo Kwehla onguMtshutshisi uthetha ubungqina obumenze uSigenu akathandabuzeka ukuba unalo ityala.

IGWETIWE INDODA EYABULALA UYISE

Intatheli: Monwabisi Khininda

BHAKALENI

Ixhegwazana elineminyaka engamashumi asixhenxe ananye (71) ubudala litshiselwe endlini kwilali yaseBhakaleni eLusikisiki kutsha nje. Abantu abangaziwayo bavingcele le nkondekazi kwikhaya layo baze bamtshisa nendlu, waphelala ngaphakathi kwashiyeka uthuthu lwakhe.

Ingxelo ihambisa ithi imveku enonyaka ubudala ifunyenwe ingaphandle ikhala ubusuku bonke, kuyacaca ukuba abenzi bobubi baqala bamkhuphela ngaphandle umntwana phambi kokuba babulale uMaThozamile Bocogo. Unobangela wokubulawa kukaMaThozamile awukaziwa. Amapolisa asaphanda.



IMBALELWANO YOMLESI

MFULENI

Molweni ndingumhlali walapha Mfuleni Ext 6 ndehlelwe yimeko yobethwa ndakhululiswa mpahla ngabantu endibatyalayo oyi 1 ndimtyala R550 then omnye ndimtyala R50 omnye ndimtyala R190 omnye andimtyala ndityala ntombi yk le ndithi ndiyityala R550 so baze kum bobane bandibetha estratweni bebuzo iphi mali yabo ndibe bendithe nabo ngezolo so bandibethe bakhulula mpahla zam bendinxibile ndahamba ngaze estratweni bazithatha mpahla bemka nazo ngoku ndiye ndaya ku doctor ndaza ndavula case ngk ndiyoyika kuba bayandirhorhisa uba uba bake babanjwa bazawuza nabantu babo phofu mna ndoyika nohamba kuba ndingulo ebekhululwe kulendawo ndihlala kuyo kukho abantu bebukele phofu ndibe ndibe ndiyinkosikazi yomntu ndibukelwe ngabantu nabantwana ngoku bandisabisile uba banabantu ababaziyo ke andikwazi nophuma andazi ndizodibana nantoni babanjwe izolo ebusuku nge 5 base bavela namhlanje ke bf ndiyobambisa family zam zike zaya pha kubo ziyogonda uba kwenzekeni kuba ingabantu aba sihlala nabo apha kuhlalani kodwa zange babuye nampendulo enako nokuzisola qha base bakhanyela noba bebeke bandibethe phofu ukuhlala kona bebukho mhla ndiqhizwa estratweni ndihlukumezekile empefumleni nase nqondweni nase mzimbeni ngk kubi ngoba bandisongele omdala kubo wayethe akokoyiki nobanjwa lo kanye bendingamtyali kanye lo ndilimazileyo kungoku njengoba bebanjiwe nje kulindeleke nantoni kum kuba kaloku banabantu babo baziwayo abanozondenza lonto yaziwa ngabo bebevela e court namhlanje Bluedowns kuba bebebanjwe izolo

- Le yimbalalelwano yomlesi

Kumbalalelwano singathanda ukuya uluvo lwenu ngokugqibekayo ekuhlaleni nene ntengiso kuDizindaba. Thumela uluvo lwakho kuWhatsapp wethu: 0712123675/0842639105

ODLWENGULE IXHEGWAZANA KUFIKWE ERHUQA ITHATHA

Intatheli: Monwabisi Khininda

LUSIKISIKI

Umrhanelwa oneminyaka engamashumi amabini anesibhozo eminyaka (28) ubudala ubanjwe elele obentlombe ubuthongo emva kokudlwengula ixhegwazana elineminyaka engamashumi asibhozo (80) ubudala, kwilali yakwaNgcoya eLusikisiki. Ngokutsho kwamapolisa lo mfana ubanjwe ekuseni ngoMgqibelo ngentsimbi yesine ilele erhuqa ithatha.

Lixhegwazana lesibini eli lidlwengulwa eLusikisiki kwiintsuku ezine ezidluleyo. Kuvakala ukuba eli xhegwazana belilele nabazukulwana balo, omdala kubo uneminyaka esibhozo (8) ngethuba beqaphela umrhanelwa sele engaphakathi endlini.

Isithethi samapolisa uCaptain Welile Matyolo uthi lo mrhanelwa ugrogrise ixhoba ukuba lingakhali waze walidlwengula. Emva kokuzanelisa webiwa bubuthongo ecaleni kweli xhegwazana walala wakhamisa. Kubizwe abamelwane abafike ekobude ubuthongo okomntu obelele entlombeni. Uye wanqakulwa ngamapolisa watyatyekwa ityala lokudlwengula umntu omdala. Kulindeleke avele kwinkundla kaMantyi waseLusikisiki kule veki.

Ibambela Mkomishinala wamapolisa kwisithili i-OR Tambo uBrigadier Vukile Ntuli uqhwebele izandla uluntu ngendlela obelusingathe ngayo esi siganeko watsho ekhuthaza abahlali ukuba basebenzisane namapolisa ukulwa ulwaphulo mthetho kulommandla wasemaMpondweni.

UGWETYWE UBOMI ETHOTHOZA EJELE

STERKSPRUIT

UMotlatsi Mpharu, onama-31 ugwetywe ubomi entolongweni kwelokuzama ukubulala isithandwa sakhe akugqiba wasintumeke ngomlilo. Esi siganeko senzeka kuJanuwari (Kweyo-Mqungu) walonyaka xa uMpho Kutoana wayetyelele isithandwa sakhe esinguMpharu kowabo apho wafika kwaqala ingxwabangxwaba etyholwa uMpho ngokunganyaniseki.

UMotlatsi waye wabophelela uMpho ngentambo yombane, wangwaza ethangeni waze wangalela ngepetroli wamtshisa.

UMpharu waye watsha naye waze wawucima umlilo.

Emva kokucima umlilo wabiza abahlobo bakhe ukuba bazokumnceda, baze bathatha uMpho bamsa esibhedlele.

UMpho wahlala iinyanga zambini esibhedlele. UMpharu wabanjwa emva kweveki eqale ngokubaleka. UMotlatsi wafunyanwa enetyala lokuzama ukubulala waze wagwetywa iminyaka engamashumi amabini anesihlanu (25) yinkundla yeNqila eSterkspruit.

UMkomishinala wamapolisa eJoe Gqabi, uMajor General Lindiwe Vellem uncome umsebenzi womcuphi uDet. Sgt. Sibusio Vundisa nentsimbiswano phakathi kwamapolisa.

UMRHANELWA UGAWULWE NGEMBUMBULU NGAMAPOLISA

NGQAMAKHWE

Indoda engumsolwa ebifunwa ngamapolisa malunga nokudutyulwa kubulawe ipolisa eNgqamakhwe ngomhla we-7 kweyeSilimela igawulwe ngembumbulu lwahlanza iselwa.

Amapolisa ecandelo loPhando loLwaphulo-mthetho olukwizinga eliphezulu (DPCI) lidize ukuba, kufumaniseke ukuba emva kokuba ebulele ipolisa umsolwa uye waxhomisa ethatha iimoto ezintlanu. Kubusuku bango-Mgqibelo amapolisa amfumene eNgcobo umrhanelwa othe

akuwabona wadubula ezama ukuvula indlela yokubaleka.

Eli polisa elisebenzela amapolisa aseNgqamakhwe ladutyulwa labhubha ngethuba lisendleleni eya emsebenzini. Ngokwengxelo yamapolisa olu hlaselo lwenzeke malunga nentsimbi yesithandathu ngokuhlwa kufutshane nesikhululo samapolisa.

Obambeleyo eMkomishinala wePhondo uMajor General Thandiswa Kupiso uthetha: "Oku kugetyengwa kwesicaka soluntu, esibulele ngethuba silungiselela ukukhusela uluntu, lityala elibi kurhulumente." Umpu wakhe osemthethweni kutyholwa ukuba uye wathathwa ngumhlaseleli.

INDODA IBANJELWE UKUFA KOMFAZI WAYO

MTHATHA

Owasetyhini oneminyaka engamashumi amahlanu ananye (51) ubhubhele kwisibhedlele saseMthatha emva kokungeniswa kulandela ukubethwa kwakhe yindoda yakhe.

Kutyholwa ngokuba eli nenekazi lathi laxabana nomyeni walo kwindawo ethengisa iimoto apho asebenza khona eMthatha. Le ndoda ngenxa yomsindo yambetha yamonzakalisa lo mfazi. Emva koko yamthatha yamsa esibhedlele kwiveki ezimbini ezidluleyo.

Othethela amapolisa ephondweni uCaptain Welile Matyolo uthetha: "Umrhanelwa kutyholwa ukuba nguye owahlasela umfi emva kwengxabano ababanayo kwindawo asebenzela kuyo. Umrhanelwa yena utyholwa ngelithi inkosikazi yakhe

yahlaselwa zizikrelemnqa waze yena wayibalekisa esibhedlele. Umrhanelwa waya kumbona unkosikazi esibhedlele emphathele ukutya. Ixhoba kuvakala ukuba liye lagula lakhuwulezisa laze lasweleka ngentsimbi yesibini kwangalo mini."

UMatyolo uthi uqhahqho lulo oluzakuchaza unobangela wokusweleka kwale nkosikazi. UMkomishinala wamapolisa obambeleyo kwisithili sase-OR Tambo uBrigadier Vukile Ntuli ukuqhwebele izandla ukubanjwa komrhanelwa watsho esithi amapolisa mawaqinisekise ukuba umrhanelwa uyagwetywa.

"Asikwazi ukukunyamezela ukuxhatshazwa kwamanina. Makwenziwe konke okusemandleni ukuba abenzi bobubi bagwetywe."

I-SRC INIKEZELE NGOKUTYA KUBAFUNDI

Intatheli ka Dizindaba

MPUMA KOLONI

Ibhunga elimele abafundi kwiziko i-SRC eliquka iGosa lezeMfundo uNelisiwe Faku, uNobhala jikelele uSihle Mdingi, uNongxowa uPhila Soyizwaphi kunye neGosa lezeMidlalo uPhilela Ngcambu bathe banikezela ngeepasela zokutya kubafundi beDyunivesithi yaseWalter Sisulu kwiziko eliseBuffalo City kuGompo.

"Siyazingca ukwazisa ukuba i-SRC iyaqhubeka nokuzibophelela kwintlalontle yabafundi ngokunabisa ukuhanjiswa kweepasile zokutya kwikhampasi yaseBuffalo City. Sisazame iipasile zokutya ezingama-400, sigxile ekuxhaseni abafundi bethu abangafumani nkxaso-mali.

Umbulelo ngazenzisiyo kuSekela-Tshansela wethu ngeminikelo yesisa eye yenza eli phulo libaluleke kangaka libe nokwenzeka. Inkxaso yenu iyawenza umahluko ngenene," utshilo uMdingi.



linkokheli zeSRC e-WSU eBuffalo City zilungiselela ukugqithisa.



IZACI, NAMAQHALO ESIXHOSA

LWAZI ULWIMI LWAKHO!

Eyona njongo yeliphephandaba uDizindaba kukubuyisela esimeni salo ulwimi lwesiXhosa njengoko wonke umntu esazi okokuba siyafa isiXhosa sethu sibulawa sithi kunye neelwimi zangaphandle.

Ukuzama ukuphuhlisa isiXhosa siza kuncediswa nguwe mfundi ngoku bonakalisa ulwazi lwakho ngolu lwimi lumnandi kangaka ngokuthi uphendule le mibuzo elandelayo.

Wothi uyibhale impendulo yakho uchaze ukuba uphendula umbuzo wawuphi umhla wokuphuma kwephepha.

Thumela impendulo ngo 'WhatsApp' kwa 0712123675 / 0842639105 okanye

i-email kwa: info@dizindaba.co.za / dizindabanewspaper@gmail.com

Nantsi Imibuzo:

- 1) Igugu lingaba likhulu umbombo uyaqhosha.
- 2) Yintoni ihasa?

"Khawuzathuze uchaze intsusamabandla yezi saci"

Ochanileyo uyakuthi ufumane iData yeR50.
Ref: Issue 349

LWAZI ULWIMI LWAKHO!

Eyona njongo yeliphephandaba uDizindaba kukubuyisela esimeni salo ulwimi lwesiXhosa njengoko wonke umntu esazi okokuba siyafa isiXhosa sethu sibulawa sithi kunye neelwimi zangaphandle.

Ukuzama ukuphuhlisa isiXhosa siza kuncediswa nguwe mfundi ngoku bonakalisa ulwazi lwakho ngolu lwimi lumnandi kangaka ngokuthi uphendule le mibuzo elandelayo.

Wothi uyibhale impendulo yakho uchaze ukuba uphendula umbuzo wawuphi umhla wokuphuma kwephepha.

Thumela impendulo ngo 'WhatsApp' kwa 0712123675 / 0842639105 okanye

i-email kwa: info@dizindaba.co.za / dizindabanewspaper@gmail.com

Nantsi Imibuzo:

- 1) "Kuthethwa ukuthini xa kusithiwa yi Mamalati Le"
- 2) "Ukhawuleze waphothula kungekasengwa"

"Khawuzathuze uchaze intsusamabandla yezi saci"
Ochanileyo uyakuthi ufumane iData yeR50.
Ref: Issue 348

CULTURAL AWARDS 2025 NOMINATIONS NOW OPEN!

Award Categories:
* After School Programmes
* Archives
* Arts, Culture and Language
* Libraries
* Museums, Heritage and Geographical Names

Nominations can be submitted online, or via:
Post: Ameerah Peters
Department of Cultural Affairs and Sport
Private Bag X9067
Cape Town
8000

Alternatively, it can be hand-delivered to
Ameerah Peters
Protea Assurance Building
Greenmarket Square
Cape Town, 8000.

NOMINATIONS CLOSE ON 15 JULY 2025



UFUNDO LWENCWADI

ICANDELO: EZAKUTHI IINCWADI ZESIXHOSA



Intatheli: Ntsikelelo Jonga

Incwadi: Izaci namaqhalo esiXhosa
E.W.M Mesatywa

Kuxhelw'eXhukwane: Sisaci

Kuthethwa ukuba kumnandi, kuyolile, kuyavuywa.

IXhukwane le yindawana eyayidume ngokuba kusebuhl-wentshini obungathethekiyo, apho inyama le yayingaziwa. Bekuthi ke ukuba kude kwakho othe waxhela, kanti koba ziziyunguma kwilali yonke, kuvuye nosebeleni ngenxa yomhluzi lowo.

INCWADI: KUNGATHINTELWA NJANI UKUFA KWABAKHWETHA

1. 25

Amagama okuthiya.

Ukuthiya umntwana igama ibiyinto ebithathelwa phezulu kwaNtu. Umntwana ubesithi akuzalwa kubizwe amadoda amakhulu ekhaya aze kuthiya umntwana. Igama yinto ebijonge ukumakha umntwana itsho ifezeke iminqweno yabazali kwikamva lomntwana.

Nangu umzekelo: Nompumelelo, Noziphiwo, Singalakha.

Ukusuka apho amagama athile ebebalula iziganeko ezithe zehla kubomi besizwe eso.

Nantsi imizekelo: Nonkumbi, Nomfazwe, Nonyikima.

Amanye amagama abonakalisa umdla esizweni:


Imizekelo: Themba, Sizwe, Dinilesizwe.

Akho ke nalawo athiywa nje kungacingwanga nto ithile.

Imizekelo:

Mdolomba, Notikanisi, Ndutswana, Mthamegusha, Njalo njalo.

Uhlalutyo: Ngawaphi amanye amagama owaziyo ekuthiywe ngawo kungacingwanga?




Nceda ke musa ukuthiya umntwana igama ungacinganga.

Zikisisa ukucinga xa uzakuthiya umntwana, kwaye ubabize abantu abakhulu bekhaya xa ufuna igama.

Umntwana uyakulilandela igama athiywe ngalo.

INCWADI: KUNGATHINTELWA NJANI UKUFA KWABAKHWETHA - Z. MTUMANE



IMVELAPHI YOLWALUKO

Ulwaluko olu lude, ludala, lunenkqayi. Lusukela kwakumaxesha eBhayibhile. Abantu bokuqala ukwaluka ekubhaliweyo ngabo eBhayibhileni ngu-Abhram nonyana wakhe u-Ishmayeli (iGenesis 17:23-27)

Ukususela kule nkonde amaHebhere athi alubamba ulwaluko. Umntu wokugqibela ukwaluka ekubhaliweyo ngaye eBhayibhileni nguTimoti, esaluswa nguPawulosi (Izenzo 16:3)

Ngamaxesha eBhayibhile ulwaluko lwaluqhutywa ngababingeleli. Yayingabo abalusa abantwana, *INGUMSEBENZI ABAWUNIKWE NGUTHIXO LOWO* (Ngamanye amazwi ayinguye nokuba ngubani na omakoluse amkhwenkwe).

Lo msebenzi babewenza ngenkathalo kuba besoyika yaye behlonele uThixo obathumileyo.

Kukho ubungqina bokuba nezinye izizwe zehlabathi

zalwenza kwasendulo ulwaluko olu; umzekelo, kukho uluvo lokuba amaJiphutha ayelwenza ulwaluko kwangomnyaka ka-3000 phambi kokuzalwa kukaKristu (B.C). AmaSilamsi nawo ebesaya kwaluka kwakude kudala ukuba esaluka nanamhlanje.

ULWALUKO NEZIZWE EZISEMZANTSI AFRIKA

Izizwe ezininzi eziNtsundu kweli lomZantsi Afrika zezolwaluko. Kanti ke zikho nezimHlophe izizwe ezalukayo, kodwa ke siya kujonga eziNtsundu ikakhulu apha.

Kwizizwe eziNtsundu ezalukayo singabalula ezi zilandelayo:

- abeSuthu bakaMshweshwe
- abaPedi bakaSekhukhuni
- abeTswana
- amaVenda
- amaTshangana
- amaNdebele
- amaXhosa

Izizwe eziNtsundu ezingalukiyo ngamaZulu namaSwati. Kanti ke kuvakala ukuba amaZulu la nawo ayengabantu bolwaluko aza alulahlala bumini. Kuthiwa alulahlala ngexesha likaKumkani uTshaka (uMagubane 2000:92). Njengendoda yeemfazwe, uTshaka lo kuvakala ukuba wathi akukho madoda aya kulibala kukuhlala endle kufuneka kuyiwe ezimfazweni. Aba ke amaZulu ayohlukana nolwaluko ngalo ndlela. Akukho nto ivakalayo ehlanganisa amaSwati nolwaluko.

Hlala nje ujongile.....siyeza nokulandelayo

KONAKELE PHI NA?

THE WORD OF GOD WITH "GRACE"

Theme: Break the Yoke of Prayerlessness - Part One

You know what makes me to fear this topic as I was preparing reading from verse 39, in verse 45 there is a fearful statement: he found them sleeping for sorrow. And I asked myself what the meaning of this was: here it is: (The phrase "sleeping for sorrow" means they were emotionally overwhelmed—so burdened by fear, confusion, and grief over what Jesus had just told them (His suffering and death), that their sorrow drained them to the point of sleep. This shows that deep emotional pain or spiritual heaviness can lead to a kind of emotional shutdown, where instead of praying or staying alert, people retreat inward and fall into spiritual lethargy). In verse 41, the bible says Jesus was praying just a stone's cast away from them meaning He was very close to them yet they fell asleep.

Key Verse: Luke 22:46 (KJV)
 "And said unto them, Why sleep ye? rise and pray, lest ye enter into temptation."

(NKJV) "Why are you sleeping? he asked them. "Get up and pray so that you will not fall into temptation.

Under this topic we are going to cover a lot of important issues that brings us here tonight: 1) Understanding the yoke of prayerlessness, 2) Causes of prayerlessness, 3) Dangers of prayerlessness, 4) How to break the yoke of prayerlessness, 5) Promises of prayerfulness.

I. Understanding the Yoke of Prayerlessness

A yoke in biblical terms is a symbol of bondage, burden, or control (Matthew 11:28-30). "Come to me, all you who are weary and burdened, and I will give you rest. Take my yoke upon you, and learn of me: for I am meek and lowly in heart; and ye shall find rest unto your souls. For my yoke is easy, and my burden is light. What is this weariness the bible talks about: sin, guilt, fear, religion, or life's pressures.

•Prayerlessness is a spiritual yoke because it: Disconnects us from God's presence and power. Opens doors to temptation and spiritual defeat. Weakens our faith and discernment.
 Isaiah 40:29-31 – "He gives power to the faint... they that wait upon the Lord shall renew their strength."

II. Causes of Prayerlessness

1. Spiritual Laziness or Sleepiness

Luke 22:46 – Jesus finds His disciples sleeping in the hour of crisis. "Why are you sleeping? he asked them. "Get up and pray so that you will not fall into temptation.

Proverbs 6:10-11 – "A little sleep, a little slumber... so shall your poverty come." This is to me is both spiritual and physical poverty. You also starving those God has assigned to you. Because if you don't pray your starving your spirit and if you don't work or do something you starve your family, yourself, or those dependent on you.

The message will continue in the next editon.

BAGOTYWA BESEBATSHA

Intatheli: Ntsikelelo Jonga



BLOEKOMBOS

Ukuqinisekisa ukuba bakhula beseluqeqeshweni phantsi kwelihlo elinje ngelokhozi, ooMama baqinisekisa ngazo zonke iindlela ukuba babanika uqeqesho neemfundiso eziluzilima abantwana abangamantombi.

Oku esikubona apha kwenziwa ngendlela yokubafundisa ngesinxibo esihle nesindilisekileyo sobuMama. Kaloku ngokwalapha kwaXhosa kukho intetho ethi, 'Ingcwaba lentombi lisezini', okuthetha ukuba kuhle kwaye kubalulekile ukuxhotyiswa kwabantwana abangamantombi ukubalungiselela ikamva eliqhakrazileyo.

Apha ke emfanekisweni sibona ooMama bebandla laseWesile Kraaifontein. ABA nguMama uMlotywa, uMama uDyanti kwakunye noMama uPenxe.

OSEMTISHA UNCEDA UKUPHULISA ISAKHONO SOKUCULA KWABATSHA

KRAAIFONTEIN

Iimvumi ezininzi nezingabantu abatsha ezikwaneziphiwo zokucula zizifumana kumaxesha amaninzi ziphantsi kokuxinzelelo lwengqondo. Oku kwenzeka ngenxa yokuba kuye kutshabalale amathemba okufezekiswa kwamaphupha wazo. Baphele ke abanye besenza izinto ababengazange bacinge ukuba bangazenza. Zizinto ezo ezinjengokuzibandakanya kwizenzo zolwaphulo -mthetho, ukukhulelwa okungacwangcwiswanga, kwanezinye izinto ezingamkelekanga okanye eziphazamisayo kubomi bazo.

Kodwa ke mazingalahlali ithemba kuba kaloku ukho omtsha nosaze ngobuso elizweni nothi kuzo, "amaxhala phantsi. Kusezakuxhelw'eXhukwane nakobu bakho ubomi. Kaloku nethunga lizala ngumphehlulu. Lo mizamo yakho emincinci oyenzayo musa ukuyidelela," lawo ngamazwi wakhe uMnu Yuzumzi Shaun Mdudumana. Kanti ke kwinqonga lomculo uthi ubizwa ngokuba nguShaun DeLuxe.

Uthi umculo kudala ewuthanda kangokuba waye wasungula i'studio' sakhe etyotyombeni eWallacedene nalapho waye wanceda kakhulu ukushicilela umculo weemvumi ezingabantu abatsha abaninzi eKraaifontein nakwezinye iindawo ezikweli leNtshonakoloni. Uthi kuthe ngokuba esiya efumana amava kushicilelo, nangona kwakunzima kuba bekungekho mali imingenelayo, bekuye ke kunyanzeleke ukuba makamane ukuya kubamba amatorho (piece jobs). Kodwa lona uthando lwakhe emculweni nasekuncedeni abantu abatsha ukuba kuphuhle izakhono zabo zokucula luye lwakhula ngamandla. Uzive ukhula nangakumbi umdla wokuziphuhlisa yena kuqala nangona iintsiba zazingekho, kulapho wathetha noSisi wakhe ukuba amncede ngokuthi amhlawulele imali yokuba ayokufunda nangakumbi ngomculo nangabo bonke ubuxhakaxhaka (Academy Of Sound Engineering). Uxhasiwe ke nguSisi wakhe onguNokwanda waba ke uyakwazi ukufunda i'Sound Engineering' kwalapha eKapa nobekufezekisa iphupha lakhe. Egqibile



ukufunda uye wafumana ithuba (Opportunity) yokuba ayokwenza i'internship' eRhawutini ngo-2023. Uthi ke kulapho athe wasebenza njengosomxhakaxhaka womculo (sound technician) esebenza neemvumi ezingosaziwayo ezinje ngo-Amanda Black, wenza nee'jazz festivals'. Njengangoku uncedisa ukubeka kwinqwano eliphuzulu iqela laseBhayi (Gqeberha)awalibona ku'Facebook' walikrweca ngenjongo yokulancedisa. Iqela elo igama lalo yi'Positive Minds', banecwecwe elingokukhumbula nokothulela umnqwazi kwigqalakazi lemveni engasekhoyo uBrenda Fassie. Igama lecwecwe lithi 'Amalahle'. 'Iphupha lam kukunceda abantu abatsha abaminqwano yabo ikukuphumelela ngomculo ingakumbi kwabo isisakhono Kubo", uchaze watsho uMdudumana.

Nominate 2025's Phenomenal Women of the Winelands

Entry forms at capewinelands.gov.za, any offices of the Cape Winelands District Municipality or the Historium Trust in Pastorie Avenue, Paarl. Or request an entry form via WhatsApp on 076 017 6026. SUBMIT NOMINATIONS BEFORE 16:00 ON WEDNESDAY, 9 JULY 2025. Details, terms and conditions at capewinelands.gov.za, their offices, the Historium Trust building as well as on the forms themselves.

JOY IN THE JOURNEY
 Women's Conference
 CAPE TOWN

30 AUG 2025
 Women's Primary School

FINDING JOY IN WHATEVER JOURNEY GOD HAS PUT US ON

R150 | 1447125183 | TRADITIONAL WEAR
 062 497 5357

Morning Dew Daily Guide Monday, 26th May 2025.

Topic: The Blessing of the 2nd Phase of the Building Project
 Scripture: 1 Kings 9:1 And it came to pass, when Solomon had finished the building of the house of the LORD, and the king's house, and all Solomon's desire which he was pleased to do,

Welcome to Morning Dew! Your Christocentric truth reflects your true identity in Christ Jesus. Indeed, joy cometh in the morning, seeing the building of the house of God.

SEE THE BIGGER PICTURE:
 Yesterday marked a joyful milestone as our building project rose from its foundation. As we embark on this new phase, let's see the bigger picture. God's perspective is vast, encompassing the end from the beginning (Isaiah 46:10). This project is more than just a structure; it's a place of worship, solution, and ministry.

Reflection:
 1. God sees the bigger picture, and His purpose will stand.
 2. Our building project began its 2nd phase with great joy and prophetic significance. 3. Solomon's example shows that building God's house can lead to God's provision for our own needs.

Call to Action:
 Join us in building God's house. Give your financial support, and trust that God will change your situation.

Prayer:
 Oh Lord God, thank you for what you're doing in our days.

Quote:
 When you see what God is doing, He gives you the ability to do the same.

YOU ARE INVITED:
 Join Us: CENTURY GLOBAL PRAYER NETWORK,
 05h30-06h00, 13h00-13h30 & 21h30- 22h00 on
 WhatsApp & Telegram!!
 Telegram - <https://t.me/=cKdTIPf8hjg3YTNk>
 By Prophet Dr. Stephen Ministry - GOD'S ARMY TABERNACLE

UQHANKQALAZO E-WSU KWAKHONA

MTHATHA

Abafundi beDyunivesithi iWalter Sisulu kwiziko eliseMthatha babhenele kuqhankqalazo emva kokungasiwaso kwesinyanzeliso sokuba uManelisi Mampame angayinikwa ibheyile.

Inkundla kaMantyi eMthatha ngoLwesine weveki ephelileyo imnike ibheyile yama-R10 000 uMampame onguManejala weendawo zokuhlala bafundi kule Dyunivesithi.

UMampame wabanjwa wavalelwa ngezityholo zokudubula abulale umfundi, onzakalise abanye abafundi nangesityholo sokuba nompu ongenazimpepha-mvume.

Abafundi bavale uhola wendlela u-N2 betshisa amatayara. Kubanjwe abafundi abane abazovela enkundleni kule veiki.

IKumkani yabaThembu uZwelibanzi Dalindyebo uye wangenelela ngelilamlayo.

Ethetha nonoondaba uthe udikwe nya ziJaji kunye neNkundla yaseMthatha enorhwapilizo nekukholeleka ukuba iyanyotywa.

Oku kuza emveni kokuba le Nkundla ikhulule ngebheyile uMampame.

Mlesi singathanda ukuva uluvo lweni ngamabali ethu:
 WhatsApp us on 0712123675 / 0842639105

Impact Theological College
 IMPART GOD'S WORD, IMPACT GENERATIONS

Register NOW FOR 2025 | **Learn & Discover Theology**
 APPLY ONLINE

- International Accreditation**
 Accrediting Commission for Biblical Higher Education Houston, Texas, United States of America
www.acbhe.org/members/
- Become a student of the word**
 Certificate in Ministry
 Diploma in Ministry
 Bachelor in Ministry
 Hon Degree in Theology
 Masters in Theology
 Doctorate in Theology
- Study with us**
 The courses are affordable. Matric is not a pre-requisite for admission. Qualified and well equipped facilitators.

Study Method:
 Contact Class
 Correspondence

Dean: Dr. Lintoor Fortuin | +27780225681 | drlintoor@impacttheologicalc.com
 Registrar: Dr. Craig Damon | +27620542996 | drcraig@impacttheologicalc.com
info@impacttheologicalc.com

If you are in Paarl, contact us on 0842639105.

"To all football, netball, athletics, cricket, rugby, and other sports clubs: send your league fixtures and pictures of your teams via our WhatsApp: 0712123675 / 0842639105 and we will publish them for free!"

P.O Box 118 GOODWOOD, 7459 - Tel: 0712123675 / 0783282168 / 084 2639105 - Email: anetta@dizindaba.co.za / dizindabanewspaper@gmail.com

EZEMPILO - EZEMFUNDO - URHULUMENTE - EZENKONZO - EZEMISEBENZI - EZOSHISHINO - EZEMIDLALO - EZENTLALAKAHLE

IMIDLALO YENDEBE KA SODOLOPHU WASEMBHASHE (MAYOR'S CUP)

Intatheli: Anele Raziya



Amaqela aphumeleleyo kwimidlalo entlobo-ntlobo yendebe kaSodolophu waseMbashe ebibanjelwe kuGatyana ngempelaveki.

GATYANA

Isebe lezeMidlalo eMpuma Koloni likhuthaza ukuba imidlalo iqale ezikolweni nakwiWadi ekuhlaleni ngenzame zokugcina ulutsha kude kwizenzo zolwaphulomthetho.

Oku kuvele ngexesha uMphathiswa weli Sebe, uSibulele Ngongo ebezimise imidlalo yamaqibela kankqoyi yendebe kaSodolophu waseMbashe (Mayor's Cup) kwibala lakuGatyana ngempelaveki esisuka kuyo.

Amaqela waseMbashe nabephuma kwii Wadi ezahlukeneyo ebekhuphisana kwimidlalo entlobo-ntlobo ekuqa ibhola ekhatywayo yamadoda nabasetyhini, ibhola yomnyazi (netball), volleyball, ibhola yombhoxo neHandBall.

UMphathiswa uNgongo ebelapho kuGatyana ebukele ulutsha

lukhuphisana kulo midlalo iye yatsala umdla kakhulu kuluntu njengoko ibala i Willowvale Sports Field ibigcwele iphuphuma ngabahlali ebezokuxhasa itumente.

Ethetha nolutsha kunye nabahlali uNgongo, uthe imidlalo kufuneka iqale kwiiWadi nasezikolweni kwaye ulutsha malinikwe inkxaso eyaneleyo emidlalweni.

"Urhulumente ukhuthaza into yokuba imidlalo mayiqale ekuhlaleni kwiWadi inyuke iyokutsho ezikolweni," kutsho uNgongo. Uqhube wathi xa imidlalo isindlekwa rhoqo ekuhlaleni nasezikolweni lonto iye incedise kwicala lokugcina ulutsha luxakekile lungafumani ixesha leziyobisi nokwenza ulwaphulomthetho.

Uthe bengurhulumente bayixhasa kakhulu imisitho efana nokuququzelelwa kwetumente yeNdebe kaSodolophu kuba iyanceda ukunika abantwana ithuba lokuba babonakalise iitalente

zabo kwimidlalo entlobo-ntlobo kwaye bahambe kude nakwiziyobisi nolwaphulomthetho. Uvavalelise ngelithi beli sebe bona banoxaduva lokurhweba abachongi (scouters) kumaqela akumngangatho ophezulu xa bebona loo mdlali unetalente kuloo mdlalo uthile.

USodolophu waseMbashe, uSamkelo Janda uye wabulela uMphathiswa uNgongo nabahlali ngokuxhasa itumente kwaye wathi bengumasisipala bazakuqhubeka beqinisekisa ukuba badlala indima ebalulekileyo kwicala lokuphuhlisa imidlalo kuzo zonke iindawo zaseMbashe.

"Ngale midlalo yendebe kaSodolophu sifuna unika ithuba ulutsha ukuba lubonakalise italente elinayo kwimidlalo entlobo-ntlobo," kutsho uJanda. Uthe bengumasipala bazakuqhubeka nokuxhasa imidlalo eMbashe ngenzame zokuphuhlisa nokugcina abantwana bekude neziyobisi nolwaphulomthetho.

IYAQALA IMIDLALO YE SASOL LEAGUE

MPUMA KOLONI

Iqela laseNtabankulu i-Executive Ladies' liphakathi kwamaqela abile emaxhaphetshu elungiselela ukuqala kwimidlalo ye'Sasol League' kulo Mgqibelo siya kuwo. Amalungiselelo weliqela aza emva kokuba umbutho webhola ekhatywayo, i'South African Football Association (SAFA)' ide yabhengeza umhla wokuqala kwimidlalo ye'Sasol league' eMpuma Koloni.

Umhla weshumi elinesine (14) kule nyanga uJuni (EyeSilimela) lusuku oluye lwakhethwa yiSAFA ukuba kuqale ngalo imidlalo ye'Sasol League' nekwakumele ukuba iqale ekupheleni kwenyanga ka-Matshi (kuTshazimpuzi). Ukubhengezwa kolu suku lokuqala kwale midlalo



Executive Ladies yaseNtabankulu ilungiselela ukuvula sizini yeSasol league.

PSL PLAYOFF FIXTURES

DATE	TEAMS PLAYING
14 June 2025	Cape Town City FC vs Orbit College at DHL Cape Town Stadium - CPT - 15h00
18 June 2025	Casric Stars vs Cape Town City FC at Solomon Mahlangu Stadium - KwaMlanga - 15h00
21 June 2025	Casric Stars vs Orbit College at Solomon Mahlangu Stadium - KwaMlanga - 15h00
25 June 2025	Orbit College vs Cape Town City FC at Olympia Park, Rustenburg - 15h00
28 June 2025	Cape Town City FC vs Casric Stars at DHL Cape Town Stadium - CPT - 15h00

kulandela ingxelo ezithi i'SAFA' iye yayibhatala ingxenye yemali yesibonelelo (grant money) ebikade iyityala amaqela waseMpuma Koloni isithuba esinokuthi sifikelele kwisizini ezimbini. Ebutsheni balo nyaka amaqela adlala kweli nqanaba aye afaka izikhazazo kulo mbutho webhola ekhatywayo ngelithi awakahlawulwa imali zawo zesibonelelo nguwo.

Ezi mali ziye zancedise amaqela ukuba atyise kwaye aqashe imoto ezikhwelisa abadlali xa kuyokudlalwa. Kuphinde amaqela abhatala oosompempe abalawula imidlalo kwalapho kulo mali yesibonelelo abayifumana kwi'SAFA'. Kuyabonakala ukuba kwisizini edlulileyo iphele amaqela engafumenanga kwa ntoleyo eye yabangela kumiswe imidlalo ngoMatshi (kuTshazimpuzi) ngenxa yokuba amaqela ebengenayo imali yokutyisa nokukhwelisa abadlali. Kwiveki ephelileyo ivakele ingxelo ethi i'SAFA' iyibhatele

ingxenye yemali eyityala amaqela waseMpuma Koloni kwaye yabhengeza nokokuba imidlalo iza kuqala ngalo Mgqibelo. Namaqela aye angqina ukuba ayifumene ingxenye yemali ayityalwa Ngu'SAFA' kangangokuba asajongelo mbutho ukuba ubhatala naleyo isashiyeye ngakuwo.

Kodwa yona imidlalo kuthiwa iyaqhuba ngalo Mgqibelo, kangangokuba iintshatsheli ze'Sasol League Inland Stream', i- Executive Ladies ziza kudlala ne- Eastern Cape Peace Lovers FC kumdlalo wokuvula isizini wayo ekhayeni. Ukanti zozibini izi'Streams' zeSasol League eziquka Inland neCoastal zizakuba zisindleke imidlalo yokuvula ngalo Mgqibelo emva kwemini ngentsimbi yesithathu. Ukanti ngexesha ibimisiwe imidlalo yeSasol League oko amaqela ebheleli ngokuzilungiselela ukulinda ingakumbi i-Executive Ladies yaseNtabankulu namanye amaqela.